

PULA IMVULA

GROWING FOOD • PEOPLE • PROSPERITY



Grain SA/Sasol photo competition – Tiani Claassen

ULWAZI NGOKUFAMA LUNGAMANDLA

UKUVUNA KUDLULILE...KODWA AWUKAPHELI UMSEBENZI WETHU! IPROJEKTHI NGANYE INO-MJIKELO KANTI KUKWANJALO NANGEMISE-BENZI YETHU ESIYENZA-EFAMA KUMAXESHA ATHILE. EKUQALENI KWEXESHA LOKULIMA XA UQALISA NGOKUTYALA INTSIMI YEENKOZO UKUZE UFUMANE UKUTYA KUNYE/OKANYE INZUZO, ENYANISWENI SUKUBA USUNGULA IPROJEKTHI ENTSHA.

Inkubo yolawulo lweprojekthi yexesha lokulima lango-2018/2019 ayikapheli kude kuqosheliswe umsebenzi ngamnye wokuggibela, ngokujalo kufanele kuqhutywe uqwalaselno novavanyo lwasemva kokuvuna. Enyanisweni, akukho mlimi ufanele ukuqalisa ngexesha elitscha lokulima engekaggibi ukwenza uvavanyo lweprojekthi edlulileyo ngocoselelo. Ukwenza izicwangciso kungumsebenzi owdowa; kodwa lolunye uxanduva

Jenny Mathews, umbhalu kwiPula Imvula. Thumela i-imeyili apha jenjonmat@gmail.com



ukuziphumeza nokuqinisekisa ukuba ziya sebenza. Lubalulekile ulawulo lweshishini lakho lokufama kanti ukuhlola nokwenza imilinganiselo emva kokuvuna kuya kunceda ngoqwalaselno lokuba ingaba inkqubela ifumanekile na okanye kuyadingeka na ukuba wenze uhlengahlengiso.

Olu 'lawulo' lulawuleka ngeenkubo ezisentloko ezifana olondololozi lwezixhobo zakho zokusebenza nezinto ezeluncedo, ukugcina iingxelo



AMAZWI AVELA...

kuJohan Kriel

XESHA LOKULIMA LANGO-2018/2019 BELINZIMA. IMVULA IBICHASELE LADE LAGQITHA LITHE CHU IXESHA LOKULIMA. EMVA KOKO IFIKILE IMVULA. IMILAMBO NEMIFULA YAQUKUQELA, AMADAMA AZALA ADE APHUPHUMA. IQABAKA AYIBANGAKHO. IHLABATHI LOKUFAMA ALIQHELEKI KODWA LINGUMMANGALISO. AKUKHO THUBA LESIZUNGU.

Balimi, phakamiselani amehlo enu phezulu, gobani amadolo enu nibulele uYehova ngenyhwoba eninayo yokusebenza ngomhlaba. Maze niwuphathe ngentlonelo umhlaba ukuze unibuyekeze ngokuphinda-phindwe kalishumi.

Izimvoendifuna ukuzidlulisa kuni, zishicilelwewebi kwibodi encinane endiyifumene ngoSuku IwalaLimi. Inelogo yeBayer neyeGrain SA kuyo. Ibizwa ngokuthi: **ZiiBloko zoKwakha ISAKHONO SENZUZO.**

1. Ucwangcisel: Iziggibo zam zimi phezu kwantoni namhlanje? Zikhuphele ngaphandle iimvakalelo malunga neziggibo zemali. Mawukhokelwe yintloko yakho kungabi yintliziyo yakho. Uxinzelelo (Iwemali) lungakwenza ube novalo ude ulahlekelwe lugqaliselo.

2. Ukufama kwenze ka ngemijikelo: Ingaba ndihamba ngokwesingqisho seshishini lam? EBhayibhileni. Kwincwadi yeNtshumayeli 3, kubhalawi. Yonke into inxesha elimisiweyo, ixesha lokulima, nexesha lokuvuna njalo njalo. Wulungise ngexesha elilungileyo umhlaba. Lima ngexesha elilungileyo. Tshiza ngexesha elilungileyo. Vuna ngexesha elilungileyo. Dibanisa inkunzi neemazi ngexesha elilungileyo. Hlukanisa inkunzi kwiimazi ngexesha elilungileyo. Lumla ngexesha elilungileyo. Thengisa xa lilungile ixabiso. Fumanisa ulungelelwano olufanelekileyo kwifama yakho uze ubamebele kulo.

3. Gqalisela kuTshintsho ngokweeMeko: Ishishini lam limi phezu kwemilenze emingaphi? Musa ukuwfaka ebhasikithini enye onke amaqanda. Zimisele ukusebenzia ubuchwephesh obutsha kuhela xa unengqiqo yabo, unamandla okubuthenga, naxa buza kongeo ixabiso leshishini lakho. Zibuze lo mbuzo: Yintoni endili-chule kuyo? Hlala kuloo nto kodwa uyenze phucukileyo.

4. Intsebenziswano: Ndibakhetha njani abahlulelane bam? Abantu abandinika isiseko senkxaso, iimveliso zamalungiselelo, abathengisi, amaziko emali, abantu ngabanye endichitha ixesha lam nabo. Yahlu-kanisa phakathi kwengxolo nomculo. Khumbula ukuba ukuthetha akunazindleko. Izenzo zithetha ngokucacileyo ngaphezu kwamazwi. Konke kumalunga nokongeza ixabiso lenene ebomini bakho nakwishishini.

5. Ubudlelwane: Ingaba ndiya kushiya umzekelo onjani? Ingaba ndishiye ihlabathi liyindawo ephucukileyo okanye ingaba ndikonakalisile oko bekubekwe ezandleni zam ukuba ndikusebenzise? Ingaba bendikukhuthaza ukusebenza nzima, ngentembeko, ngengqiqo, ngothando nagentlonelo yomhlaba endifama kuwo? Ndiye ndabaphatha njani abantu abandingqongileyo? Ingaba konke bendikwenzela ukuzityebisa nokuziphucula, okanye ingaba ngendlela ethile encinane ndiwuphucule umganganatho wobomi babasebenzi bam, iintsapo nobabamelwane?

Ukuftama kungaphezulu kakhulu ekusebenzeni amasimi nje kuphela. Ukuftama sisipho sohlobo olulodwa, esiphiwe abambalwa. Kuxhomekeke kuwe: Mnini-mhlaba, mlimi wokuya, *bhulu*, mqeshi, bootatomkhulu noomakhu-lu, bazali, *mntwana waseplasini*, qhuba ngokondla ihlabathi, ube noxan-duva lwentsimi yakho, ukuze uyiphuculele ezo zizukulwana ziza kulandela. Ungowexesa elidlulileyo, elangoku nelizayo. Wanga uThixo angakusike-lela akugcine ukhuselekile. ■

Ulwazi ngokufama...

zomba ngamnye weshishini nohlalutyo kunye nokulungisa aphi kufune-ka khona ukuqinisekisa uzinzo lweshishini.

IMISEBENZI EBALULEKILEYO YOMLIMI EMVA KOKUVUNA

Ukuthengiswa nokugcinwa kweenkozo

Umsebenzi awuphele ngosuku lokuvunwa kombona wokugqibela, kaloku ngeendlela ezilqela, ngelo xesha kuxa kuqaliswa ngelinje icala loshihino lweprojekthi. Umlimi ufanele ukuhlola isivuno ngokunjalo enze iziggibo ngokuthengisa nangokulondoloza isivuno. Phofu uyazi ukuba enye yeela-hleko zezivuno ezizeazona zinobuzaza zenzeka kumazwe aphuhlayo ngenxa yeelahleko zasemva kokuvuna?

Nangona umbona unokugcinwa kwithuba elithande ukuba lide futhi unagagu-qu-guqulwanga kodwa ungonakali, ufanele ukugcinwa ukhuselekile kwizidalwa ezikrekrethayo nezonakalisayo kananjalo mawukhuseleke ekufu-men. Umngundo uyenzeka xa iinkozo zingomanga ngokwaneleyo ngexesha lokuvuna okanye xa usesichengeni sokufudumala okuphezulu okanye ukufuma ngenxa yola-wulo olulambathayo lokuwugina. Usulelo lomngundo luya kubangela ukubola kunye nokupuhla kweentsholongwane zee-aflatoxin eziyiyhefu kwimfuyo kwaye zingabangela iingxaki ezinobuzaza empilweni yabantu. Imingcipheko ngokugcina umbona ekhaya ifanele ukulinganiswa ngokuyithelekisa nokuwugina kwizisele aphi ugcinelwa khona umbona wakho ngokhuselo.



Ulwazi ngamandla kwaye lunakho ukukhokelela kwintobeko. Umntu onolwazi kwithuba lakhe lobomi angabenza bamthobele ngokunjalo bamlandele abantu kwaye unconywa ahlonitshwe naxa selengasekho emhlabeni. Khumbula ukuba ulwazi ngumlawuli ukuze ubutyebi bube ngumkhonzi wabo. – Ubulumko bamandulo



Ulawulo Iwamasimi

Tyelela amasimi akho. Ingaba uza kuba nayo imfuyo etya intsalela yokutya okushiyek entsimini okanye uza kusebenzia oko kutya ekwakheni isimo esinempilo somhlaba wakho? Ukuba akuzi kuzisebenzia izikhondwana zombona kungabakho umngcipheko wokuba umoya uphephethesk uku-tya okuxabisekileyo, ngoko ke ufanele ukucinga ngokukwembela phakathi emhlabeni ukuze kungonakali. Ngokunjalo, hlola impilo yomhlaba ngokuse-benzisa izicwangciso-cebo ozifundileyo eziquka amaqondo okufuma, uku-thathwa kweesampulu zomhlaba kunye nohlalutyo lwezicuku zokhula. Yenza isiggibo ngeenkubo ezilandelayo eziya kuba sentsimini nangendlela eyiyona ifanelekileyo oya kuyilawula ngayo intsimi.

Ulondolozo – ukugcinwa kwezixhobo zokusebenza ngokhuselo

Zinike ixesha lokugcina okanye lokulungisa zonke izixhobo ozisebenzis-leyo ngethuba lenkqubo yokuvuna. litrektra ziza kudinga ukulungiswa zize zicocwe. Ngokunjalo oomatshini bakho bokuvuna badinga ukucocwa, bathan-jiswes ngeoyile baze bagcinwe ngokupaphela kude kufike ixesha lokuba-dinga kwakhona. Kuya kuba kufanelekile ukuba sowuqalisile ngenqubo yolondolozo Iwasemva kokuvuna njengoko iingxaki oqubitsene nazo ziya kuba zisakhumbuleka kakuhle ukuze uqwalasele imiba ebuthathaka. Gcina ingxelo yenqubo yakho yolondolozo ukuze wazi kakuhle nciam ukuba ingaba izithuthi zakho nezixhobo zokusebenza zigqibe nini ukulungiswa.

Uhlalutyo – izifundo ezifundiweyo

Ngenxa yokuba ukufama kubopheleleke kwimo yamaxhesha okulima, ulawulo lweeprojekthi lungumngeni. Yinto eqhelekileyo ukuba

umlimi athi esaqukumbela amasolotya exesha elidlulileyo lokulima abe selesungula imisebenzi yexesha elilandelayo lokulima.

Isityalo sithi singekathengiswa abe seleneeningzo ngemali eza kufuneka kumalungiselelo exesha elizayo lokulima, ukulungisa amasimi nokuodola iimveliso zamalungiselelo zomjikelo olandelayo. Kulula kakhulu ukuqweqwediselwa kwimisebenzi yexesha elitsha lokulima uze ungayihoyi inkqubo EBALULEKI-LEYO YOHLALUTYO NOHLOLO emva komjikelo ngamnye. Oku kufana nokuzibizela ingxaki kwaye kunokukhokelela umlimi emgibeni wetyala.

lingxelo zigcinwa ngeenjongo ezintathu ezingundoqo:

1. Ukulunganisa umgangatho wokusebenza.
 2. Ukwenza isikhokelo seziqqibo zexesha elizayo.
 3. Urukunika ngeenkukacha ezichanekileyo. lingxelo zifanele ukutyhila imiba yamandla eshishini lakho ngokunjalo zinceda ngokuchonga imiba yobuthathaka edinga ukulungiswa.
- lingxelo ezelungileyo zokufama zifanele ukuba nokulandelayo:
- Injongo;
 - ukuba lula ukuzigcina; kananjalo
 - zihlaiziywe ngokutsha.

ZINTO ZINI ESIFANELE UKUZIBHALA?

Umlinganiselo wenene wexabiso lalo nayiphi inkokeli yeshishini nolawulo ngumgangatho wokusebenza!

- **lingxelo zemali** – ezi ziinkcukacha ozidingela ukunika abagcini bakho beencwadi. Ziinkcukacha ezikunika ufifi ngaso sonke isakhono senzuso yefama yakho kwithuba elithile.
- **Icwadi yohlalutyo Iwemali eyikheshi** – kulapho ulandela khona umzila wazo zonke iimali ezifunyenwego nezichithiwego.
- **Uludwe Iwabakukwelitayo nobakwelitayo** – oku kuya kukhawuleza kukukhumbuze ukuba ngubani okukwelita imali – ingubani omkwelita imali.
- **limvavanyo** – sidinga ukwazi ixabiso layo yonke impahla yexabiso ezincwadini zethu. Oku kuquka intsimi, izithuthi, iitrektara nezixhobo zokusebenza, imfuyo kune nezityalo ezingathengiswanga.
- **Iziphumo zamashishini** – le yingxelo yeziphumo zemali ngesityalo ngasinye okanye yeshishini lemfuyo ngomjikelo ngamnye walo. Ezi nkukacha zinceda umlimi ukufumanisa isakhono senzuso ngomsebenzi ngamnye wokufama ohamba wodwa ukuze wenze isigqibo ngokuba ingaba bubuchule na ukuqhuba ngawo.
- **lindleko zeshishini** – ufanele ukuzazi nciam iindleko zokulima ihekture yombona okanye ezomjikelo weenkukhu zenyama ngokugcina iingxelo zesixa semali echithwe kuloo projekthi ngethuba lomjikelo.
- **lindleko zabasebenzi** – kunzima ukuyichana nciam ingxaki, kodwa umntu udinga ukuhlalutyu ulawulo Iwabasebenzi, umgangatho wokusebenza neendleko aze abuze ngokusebenzia ixesha ngendlela encomekayo. Ingaba abasebenzi bakho basebenza nzima kakhulu, abasebenzi ngokwaneleyo kwaye ingaba bafumana umvuzo ofanele umsebenzi wabo na?
- **lindleko zoomatshini** – gcina incwadi yeengxelo ngomatshini ngamnye onawo. Lazi ixabiso lawo langoku (khumbula ukubala inqanaba lokwehla kwexabiso lemali ngonyaka ngamnye). Gcina iingxelo zemali oyichitha ngokukhanda nangokuhlalutyu iqondo lokusetyenziswa kwamafutha okubaselua ukuba oko kubalulekile. Oku kunokuvula amehlo akho malunga nenkcitho eggithisileyo nangeengxaki ezifuna ukuqwalaselwa.



Qala ngokuqoshelisa iirekhodi zonyaka welo xesha.



Zilungise rhoqo izixhobo zokusebenza.

- **Ingxelo yemfuyo** – gcina iingxelo ezichanekileyo zenyanga nganye zayo yonke imfuyo, qaphela amankonyana avelayo kune neentengo, bhala phantsi yonke impahla engasaphiliyo ubhale neentengiso. lingxelo zokwanda kwemihlambi yakho iya kukunceda ngokulandela inkqubo yeenkomo zakho, ukuze uzazi eziqhuba kakuhle kakhulu, nezifanele ukukhethelwa ecaleni.
- **Izivuno zezityalo** – kwazi okufunyenwe kwizivuno zezityalo zakho/ngehektare. Lo ngumba ophambili wokufumanisa isakhono senzuso ngesityalo ngasinye.
- **lingxelo ngamasimi neengxelo ngokujikeleziswa kwezityalo** – gcina iinkcukacha ngezityalo ezilinywe kwintsimi nganye encwadini yokubhala iinkcukacha ukuze ube nemballi. Bhala phantsi iinkqubo ebezilandelwa ngalo lonke ixesha, umzekelo ukulima, ukukrazula umhlaba, ukutshiza neenkqubo zokufakwa kwezichumiso. Bhala ingxelo yemihla yokutyalu neyezivuno ezifumanekileyo.

Ukuba uzixhobisa ngeenkukacha ezinobucukuhede ngemisebenzi yakho yokufama, uxhoba ngolwazi lokwenza ezona zigqibo zobulumko ukuya phambili. Zenzele inceba usebenzise umgaqo wolawulo weprojekthi kwimisebenzi yakho yokufama – nokuba mikhulu okanye mincinane kanganani. Kuthiwa ulwazi luxabiseke ngaphezu kwemali – ulwazi alunakuze luthathwe kuwe – ulwazi ngamndala! ■

UKUQWALASELA IINTENGISO ZOMBONA WAKHO

ELI NQAKU LIQWALASELA NGOKUFUTSHANE IINTENGISO ZEHLABATHI NEZALAPHA NGOKUJOLISA KWINGQIKELELO ZESINE ZEEMVELISO.



Ikageng Maluleke, Ingcali yezoqoqosho kwinqanaba elisezantsi, eGrain SA.
Thumela i-imeyili apha Ikageng@grainsa.co.za

IMBONO NGEHLABATHI

Imveliso yombona ngo-2019 ilindeleke ukuba yande nge 2,3%, emva kokwehla nge 1,9% ngo-2018, iphuculwe ubukhulu becala kukubuyela kwemveliso eArgentina, eBrazil naseUS (**Igrafu 1**). Ngenxa yokunyuka okuqhubayo kwestidino sesondlo ehlabathini, ukusetyenziswa kombona ngo-2019/20 kulindeleke ukuba kuthi kraty nge 1,7% kwinqanaba elaphule irekhodi neliqikelelwa kwixesha lokulima langoku.


1 Intengiso nentengo yehlabathi yombona.



Umthombo weenkukacha: AMIS, 2019

(*2018/2019: lingqikelelo; 2019/2020: Forecast)

2 Amaxabiso eUSA ombona otyheli osiwe eRandfontein.



Umthombo weenkukacha: Grain SA, 2019

(*Amanani ngomhla wama-30 Meyi 2019)

Kuyaqala ukwenzeka kwiminyaka emalunga nemibini, ukuba silindele ukuncipha kurhwebo lombona okumalunga ne 1,6% kuJuni/Agasti ngo-2019/2020, ubukhulu becala ngenxa yokucutheka kwiEU, emva kokuba kwensiwi intengo eyaphule irekhodi ngo-2018/2019. Amanqanaba okugqibela ehlabathi empahla egciniwego ngo-2019 alindeleke ukuba ehle nge 5%, nangenxa yokwetha okuqhubayo eChina nokubangela okona kuncipha kukhulu ngokunjalo nokuncipha okucingeleka kubalo IwaseUSA.

IMBONO NGELI LIZWE

Ngokwengxelo yekomiti yesine yeeNgqikelelo zeziTyalo, **imveliso yombona iphelele** kulindeleke ukuba ibe ziitoni zezigidi ezili-10,9 apho iitoni zezigidi ezi-5,48 zingumbona omhlophe ukuze iitoni zezigidi ezi-5,41 zibe vezombona otyheli. Xa kuthelekiswa neengqikelelo zesithathu zezityalo kuya kubakho ukwanda ngeetoni ezi-244 900 okanye okungange 3,81% kunye nokwanda nge 0,81% kombona omhlophe notyheli ngokulandelana kwazo. lingqikelelo zalapha ngo-2019 zisezihkare zezigidi ezingange-2,30 xa kuthelekiswa neehektare ezi-2,31 ngo-2018, kwaye kulindeleke isivuno esingangeetoni ezi-4,74 ngehектare.

Intengo iphelele yombona ilindeleke ukuba ibe ziitoni zezigidi ezili-11,95 kweli lizwe nethengiselwa amazwe angaphandle, kanti intengo iphelele ilindeleke ukuba ziitoni zezigidi ezili-10,93. Ubukhulu becala oku kuquka osetyenziswa ngabantu (5,19 yeeton zezigidi), osetyenziswa zizilwanyana nakwimizi-mveliso (iitoni zezigidi ezi-5,48), ukutya okusilwayo (23 500 eetoni) kunye nesixa ekulindeleke ukuba sithengiswe ngaphandle seetoni ezingama-800 000 zombona otyheli kunye neetoni ezingama-220 000 zeemveliso eziguqu-guqulwego.

Impahla egciniwego yokuggibela ngowama-30 April 2020 kulindeleke ukuba ibe ziitoni zezigidi ezi-1,46. Ngokwesakhono soguqu-guqulo Iwesiqhelo seetoni ezingama-891 000 nge-nyanga, siya kuba neentsuku ezingama-50 zokuthengiswayo ukuze sanelise iimfuno zelizwe xa kunokubakho iziphamaziso zokuthengisa.

Amaxabiso ombona eli lizwe: Amaxabiso angoku ombona otyheli aphakathi kwamanqanaba olungelelwano okuthenga nawokuthengisa emazweni angaphandle, kungenjalo asondele kuwo (**Igrafu 2**). Njengoko irandi iqhuba ngokuba buthathaka apho amaxabiso ombona ngokubanzi enyuka khona, amanqanaba amaxabiso olungelelwano lokuthengisa ngaphandle, nawo aza kunyuka. Amaxabiso ombona eSafex eli xesha langoku lokulima aye aphuculwa ukususela kwixesha lokulima elidlulileyo ngenxa yethuba lokutyala ebelomile. ■

Lawula imingcipheko yenguquko yemozulu

NGUQUKO KWIMOZULU? INGABA KWENZEKA NGENENE
OKO? EWE KWENZEKA NGENENE FUTHI KUYA KUBA
NEFUTHE ELIKHULU KUTHI SONKE, NKQU NABALIMI
BETHU.

Ngelishwa, lo myalezo ugxininisa ukuba izakhono zobuchule zolawulo lwalimbi bethu ziya kuba kuvavanyo ngakumbi ukuze sisinde njengabalimi. Kananjalo, oku kuhiangana neminye imiba yamashishini ethu okufama eguqukayo nayo, efana nokuthengisa, iimfuneko zabathengi nezinto ezibekwa phambili. Eminye yale miba sesixoxile ngayo kwamanye amanqaku. Umyalezo wona ucacile uthi – ukuba ngumlimi kunemingeni kakhulu.

ULAWULO LWENGUQUKO YEMOZULU

Injongo yeli nqaku asikokuxoxa ngemiba yobuchule malunga nenguquko yemozulu kodwa kukugxinisa ulawulo lwenguquko yemozulu. Masibeki umnwe kwindawo yokuba isivumelwano ngokubanzi kukuba yona inguquko kwimozulu yinto eyenzekayo. Yintoni eguqukayo? Zonke iingqikelelo zalatha ukuba uMzantsi Afrika uza kuba nobushushu obuthe kratya kanti iqondo lobushushu lesiqhelo liya ngokunyuka. Amaza obushushu aza kumana efi ka ngokulandelelana ngokukhawuleza, ukuze oku kubangele ukuxhaphaka kwemililo yasendle. Iizwe lethu liza kuya ngokunqatayela yimvula kwande iimbalela, izaqhwithi, iziphango, izikhukula njalo njalo. Okutsala umda kukuba besisoloko siwafumana la mava eMzantsi Afrika – inguquko eza kufunyanwa kukuba ezi ziganeko ziya kuya ngokwanda futhi zibe nobuzaza ngakumbi.

UMzantsi Afrika sowulilizwe lembalela kwaye ulawulo lobutyebi bamanzi luza kuya ngokuba ngumngeni ngakumbi, ngoko ke kuya kufuneka ukuba siphucule kwaye silondoloze imihlabi yethu (amasimi) ukuze sivumele ukungenelela kwamanzi okuphucukileyo.

YINTONI ENOKWENZIWA?

Masijonge okunokwenzeka ngokunjalo siqwälasele amanyathelo athile anokuthathwa kwiifama zethu ukuze kuthomaliswe iinguquko zemozulu ezinobuzaza. lifama azifani kanti neengingqi zaseMzantsi Afrika zahlukile. Siyathemba ukuba izimvo ziya kuba yimvuselelo efanele ukuwälaselwa ngokunjalo kuqokelelwé iinkcukacha ezithe vetshe malunga nokulawulwa kwenguquko yemozulu – lowo ngumngeni.

Okokuqala, nanga amanyathelo abanzi afanele ukuwälaselwa. Elinye lamanyathelo aphambili afanele ukuthathwa kukukhcula iindonga ukuze kulawuleke ukuqukuqela kwamanzi. lindonga zisisipumo samanzi aqukuqela ngaphandle kokulawulwa ukuze zakuba zikhona umqukuqelo uye ngokwanda. Ukusebenzisa amatye, amathayara, nezikhondo zenithi, okanye uphinyephinye lwezithinteli zeengcingo ezhlohlwe amatye ukuze kunciphe ukuqukuqela kwamanzi. Indlela mayingavunyelwa ukuba ibe ziindonga – mawulawulwe umqukuqelo wamanzi ngokufaka imijelo enqamlezayo ukuze kuhokelelwé amanzi eddelweni.

Zama ukugquma amadanyana amancinane njengedama lewili lomya ukuze kuncitshiswe ukuqhuma kwamanzi. Zama ukuqokelela amanzi emvula kangangoko ngokuwakhongozela kupahahlwé lwezakhivo kwitanki zeJo-jo. Amanzi bubutyebi obunciphayo. Ngoko ke, nethontsi lawo lisebenzise ngobuchule.

*Marius Greyling, Umbhali
kwipula Imvula. Thumela i-imeyili
apha mariusg@mcgacc.co.za*



Qiniseka ukuba unezixhobo ezifanelekileyo nezaneleyo zokulwa umlilo ngokunjalo ubambelele kuyo yonke imithetho nemimiselo yokucinywa komilo. Amadlelo atshileyo anezityalo ezimbalwa kakhulu ezikhulayo zide zikhule ngokwaneleyo ukuze zikwazi ukuthintela amanzi aqukuqelayo.

Malunga nokulinywa kwezityalo ngokubanzi, yenza izicwangciso ngokunjalo useke okanye umisele ngokutsha amasimi/izitaya zezihamo ngo-kweekhonto zefama yakho. Misela nemijelo yamanzi efanelekileyo. Oku kuya kukuvumela ukuba ulawule ukuqukuqela kwamanzi. Khumbula, ngokwazo zonke iingqikelelo, izichotho zemvula ziza kubakho rhoqo ngakumbi kwaye zibe nobuzaza kakhulu eMzantsi Afrika, ukuze oko kubangele izikhukula ngakumbi. Ngoko ke, ulawulo lwamanzi aqukuqelayo luya kudinga uqwalasel oluthe kratya. Kufuneka uphucule ukungenelela kwamanzi emasimini akho ngokusebenzisa imigaqo yokufama nglondolozo efana nezenzo zokuhlakula kancinane kangangoko nezokugqunywa kwezityalo. Ngaphandle kokuphucula impilo yomhlaba le migao inakho ukuphucula ukungenelela kwamanzi emhlabeni ngokunjalo nesakhono sawo sokugcina amanzi. Khetha izityalo ezifumanekayo ezizezonza zikwaziyo ukunyamezelza imbalela onokuzilima.

Ukuba ufuye kakhulu kufuneka ugcine iintloba ezinezona ziziqhelanisa phucukileyo efama yakho nakwindawo ofama kuyo. Khetha izilwanyana ezingcinane nezizezonza ziziqhelanisa phucukileyo emhlambini wakho. Ngaphaya koko, kufuneka ufame ngokwesakhono sokuqlathla sefama yakho okanye indawo ohlala kuyo. Ukutyisa impahlala ngokugqithisileyo sesinye sezizathu ezipambili esibangela ubukho beendonga. Xa ukugqumeka kwedlelo zizityalo kuphucukile, kuya kuncipha ukuqukuqela kwamanzi. Ukuqhuba ngokutya impahlala ngokugqithisileyo kunciphisa ukugqumeka kwedlelo zizityalo ethubeni. Kufuneka kusetyenziswe inkqubo efanelekileyo yokutya impahlala apho kuvunyelwa khona amathuba alungileyo okuphumiiswa kwedlelo.

Xa kusiya kufudumala kubume obusingqongileyo kucetyiswa ukuba uqinisekise ukuba izilwanyana zakho zinomthunzi ofanelekileyo, nokuba oko kuthetha ukuba ufanele ukuwenza umthunzi. Malunga nembalela, kusoloko kulicebo elihle ukuqokelela imfumba yefula ukuze ukwazi ukondla umhlambi wakho ophambili kwixesha lonyaka obona buncinane. Imfumba yefula isenokuba yifula yesisele kunye/okanye isitha sefula okanye ukuya okulinyiweyo okufana neetolofiya okanye ityholo letyuwa. Kungaba lunchedo olukhulu ukuba ube nokutya kwempahla okukhoyo ukuze wondle umhlambi wakho ngamaxeshwa ezidino.

ISIPHELO

Elokuphetha, inguquko yemozulu kunye neentlekele eziyikhaphayo zibonwa njengowona mngechipheko mkhulu abajongene nawo abalimi kwixesha elizayo. Njengomlimi ufanele ukujongana nomngeni ngokunjalo uyilawule kakuhle le mingcipheko ukuze uphile. ■

I-NAMPO

- imfihlelo ityhilekile



NGOTYELELO LWAKHE LOKUQALA KUSUKU LWE-SIVUNO LWENAMPO, USEKELA-MPHATHISWA WEZOLIMO, AMAHLATHI NEZOKULoba, USFISO BUTHELEZI, UWUCHAZE LO MBONISO WORHWEBO OFANA WODWA NJENGEMFIHLELO EYAKHE YAFI-HLAKALA KWICANDELO LEZOLIMO. UTHe WONKE UMNTU WASEMZANTS Afrika OSEBENZISA UKUTYA UFANELE UKUYIBONA LE MFHILELO.

EChile naseArgentina – apho akhe waya kwimiboniso efana nalo walapha – ilizwe lima ngxi ngenjongo yokuxhasa abalimi. ‘Andiqondi ukuba kutheni kungenjalo nalapha eMzantsi Afrika,’ waleke watsho.

Ukuba ungomye wabantu abenza umahluko kubukho bokutya okwaneleyo eMzantsi Afrika, ufanele ukulutyelela uSuku IwesiVuno nokuba kukanye ebomini bakho. Lithuba lokuzibonela ngokwakho umsebenzi wezolimo nokuqikelela ikamva lezolimo.

OKUTHILE KOMNTU WONKE

USuku IwesiVuno asilosuku Iwabalimi abarhwebayo nabalima kakhulu kuphela, kodwa lolwakhe wonke umntu onothando olushushu ngezolimo. Ngoko ke, nokuba unguimli wezityalo okanye wemfuyo okanye unesitiya esincinane semifuno kanye nephupha elikhulu lokwanda, le yindawo ofanele ukuyityelela.

Abalimi bayazi ukuba imbewu bubomi, nokuthi umhlanganisela olu-nigileyo ungaba nefuthe elikhulukazi kwisivuno sakho. Amaqumrhu ahluka-hlukileyo embewu akhona kwesta siza ukuze anike amacebiso futhi ancome izinto ezithile nokuba azifumaneki kwindawo yakho yokulima. Abathengisisi abazinikele ekugcineni isityalo sakho sisempilweni entle baqua abamaqumrhu eekhemikhali nawezichumiso ukuya kwawokulungiswa komhlaba, ukuhlwayela, ukutshiza, ukuvuna, oomatshini bokubumba iibheyile namanyi amaninzi.

Ngaphandle kweentloblo-ntloblo eziyintlaninge zemfuyo encinane nenkuIu ezisembonisweni, iingcali zezonndlo zezilwanyana nempilo yezi-lwanyana ezichaza ngoncedo Iweemveliso zazo ngokunjalo zichaza ubulumko bazo ngendlela yokugcina izilwanyana zakho zisempilweni entle futhi zikhula. Ezinye iimveliso ezinxulumene nemfuyo ziQuka oomatshini bokuphatha, izixhobo zokuthintela ubusela kanye nezivatho zokuchongeka kanti kuninzi okuya kuqhuma ngokutsala umdla wakho.

UKUBONISA INDLLELA EZIPHULE NGALO EZOLIMO

Ityelelo kwiEngen Museum luya kukubonisa kakuhle indlela oomatshini bezolimi esebeqhubele phambili ngayo kumashumi eminyaka. Nangona kubonisa obona buchwepheshe nemigaqo yakutshanje efana nokufama ngocoselelo, nobusebenzisa ubuchwepheshe beGPS ukube kuqinisekiswe imfezeko nesivuno esihle, ngokunjalo baninzi noomatshini abafanele abalimi abalimela ukuziphilisa ababoniswayo nabo kuba ngoSuku IwesiVuno ubungakanani bobukhulu abunamsebenzi, okubalulekileyo zezolimo.

AMATHUBA OTHUNGELWANO OKUNCOKOLA NGEEMFEZEKO NEZIWO

I-NAMPO yindawo ethandwayo yokudibanisa abantu ababandakanya ka okanye abanothando olushushu lokulima. Ngenxa yobukho beendwendwe ezingaphezu kwama-81 000 ngokujinisekileyo indlela yakho iya kunqamleza eyomnye onezidingo nemingeni efana neyakho, ngelo xesa ababukisi abangama-775 (njengoko bebengako kulo nyaka) baya kukunika amathuba amaninzi kangako okufumanisa izisombululo zeengxaki zakho.

ULouise Kunz, umbhali kwiPula Imvula. Thumela i-imeyili apha: louise@infoworks.biz



Amalungu eGrain SA ayakwazi ukuncokola ngeemfezeko neziwo zexesha elidlulileyo nezexesha langoku lokulima kanye nabanye abalimi babe kwangelo xesa besonwabela ikomity emnandi yekofu. EHolweni yamaLungu usenokudibana negela elisebenza kanye laseGrain SA mhlawumbi ude ufumane namacebiso kubo oza kubuyela kwifama yakho nawo.

UBUCHWEPHESHE NOKUCINGA NGEZINTSO EZINTSHA KANGANGOKO

Esinye sezisa ezithandwa kakhulu eNAMPO Park sesisetyenzisa ngabalimi ukubonisa ngezicwangciso zeefama zabo. Ngamanye amaxesha sukuba isisisombululo esilula kakhulu malunga nomsebenzi owenziva yonke imihla, kodwa kukho oosomashishini abacinga ngendlela ephangaleleyo baze benze umahluko omkhulu emsebenzini wabo wokufama.

Ngamanye amaxesha isicwangciso sikhokelela kwishishini elinjengelo lafunyanisa nguMichris Jansen van Rensburg. UMichris waziwa kakhulu phakathi kwabalimi abalimela ukuziphilisa. Umatshini wakhe weBacksaver uthumele umlimi olimela ukuziphilisa kwibanga elilandelayo. Utylelo kwisiza sakhe luya kukuchwayitisa.

UKUTYA, ULONWABO NAMATHUBA OKUTHATHA IIFOTO

Nangona kunjalo, uSuku IwesiVuno IweNAMPO alukho malunga noshishino kuphela. Maninzi amathuba okuthatha iselfies, okubona imiboniso enomda, ukufumana izidlo ezinesongo esimnandi nawokonwaba. Umhla ka-2020 woSuku IwesiVuno sowumiselwe i-12 ukuya kwi-15 kwinya-nga kaMeyi. Siya kubonana aphi!



Ngaphezu kweziza ezigxunyekiwyo, uya kukwazi ukubona ngokucacileyo indlela eqhuba ngayo imihlanganisela eyahluka-hlukileyo phantsi kweemeko eziqhelekileyo kwiiplothi zembewu. Abamelia abaxhobe ngolwazi balungele ukunikela ngeenkukachcha eztithe vetshe malunga nemihlanganisela yabo eyahluka-hlukileyo.




Imiboniso yokuchetywa kweegusha kwemihla ngemihla okwenziwa ngabanye babona bachebi babalaseleyo kweli lizwe.




Ithathwe ngumntu okwinqwelomoya kuSuku IwesiVuno IweNAMPO yama-53 olwalungomhla we-14 ukuya kowe-17 kwinyanga kaMeyi kulo nyaka.



Izilwanyana zibonakala kakuhle kwizibaya ezicocekileyo nangexesha lokunyantsula kwazo njengeChianina, elolunye Iweetlolo zakudala nezirona zinkulu zeenkomo ehlabathini.



Ikamva labalimi abalimela ukuziphilisa nabanetrekta – isixhobo esithi sisinye kodwa siqulathe konke. Kwasona eso sakhele sise-tyenziselwa ukukrazula, aphinde akhutshwe amazinyo okukrazula, kufakelwe ingwelo yokutyalu. Emva koko nengwelo iyakhutshwa ukuze kwensiwe umaleko wangaphezulu kananjalo kukofolwe.



Ukabaluleka kwezivatho zokhuselo emsebenzini wokufama ku-fumana uqwala selo olukhulu. KwiNAMPO abathengisi banakho ukukunika izivatho eziyimfuneko kunye nezixhobo zokhuselo.



abantwana besikolo (nabantu abakhulu) bakhuthazwa yimiboniso.

PULA IMVULA



Iqela labahleli

GRAIN SA: BLOEMFONTEIN

46 Louw Wepener Street
1st Floor
Dan Pienaar
Bloemfontein
9301
■ 08600 47246 ■
■ Fax: 051 430 7574 ■ www.grainsa.co.za

UMHLELI OYINTLOKO

Jane McPherson
■ 082 854 7171 ■ jane@grainsa.co.za

UKUMISELWA KWABAHLELI

Liana Stroebel
■ 084 264 1422 ■ liana@grainsa.co.za

UMAHLULELANE KUPAPASHO

INFOWORKS
Johan Smit ■ Ingrid Bailey ■ Marisa Fourie
■ 018 468 2716 ■ johan@infoworks.biz



INkubo yeGrain SA yoPhuhliso IwabaLimu

ABAQUUZELELI BOPHUHLISO

Johan Kriel
Free State (Ladybrand)
■ 079 497 4294 ■ johank@grainsa.co.za

Jerry Mthombothi

Mpumalanga (Nelspruit)
■ 084 604 0549 ■ jerry@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 013 755 4575 ■ Smangaliso Zimbili

Jurie Mentz

Mpumalanga/KwaZulu-Natal (Louwsburg)
■ 082 354 5749 ■ jurie@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 034 907 5040 ■ Sydwell Nkosi

Graeme Engelbrecht

KwaZulu-Natal (Dundee)
■ 082 650 9315 ■ dundee@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 816 8069 ■ Nkosinathi Mazibuko

Luke Collier

EMPuma-Koloni (Kokstad)
■ 083 730 9408 ■ goshenfarming@gmail.com
■ e-Ofisini: 039 727 5749 ■ Luthando Diko

Liana Stroebel

ENTshona-Koloni (Paarl)
■ 084 264 1422 ■ liana@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 816 8057 ■ Hailey Ehrenreich

Du Toit van der Westhuizen

North West (Lichtenburg)
■ 082 877 6749 ■ dutoit@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 816 8038 ■ Lebo Mogatlanyane

Sinelizwi Fakade

Mthatha
■ 071 519 4192 ■ sinelizwifakade@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 816 8077 ■ Cwayita Mpotsi

IPULA IMVULA IFUMANEKA NGEELWIMI EZILANDELAYO:

iSiXhosa,
IsiNgesi, IsiBhulu, iSeTswana,
iSesotho, iSesotho sa Leboa nesi IsiZulu.

Articles written by independent writers are the views of the writers and not that of Grain SA.

I-NAMPO...



lindwendwe ezivela ngaphaya kwemida yaseMzantsi Afrika zidibene kwiNAMPO. Eli qela labalimi lisuka eZambia naseZimbabwe.



Le yiAllis Charmers yango-1949. Ezi kunye nezinye iintlobo ezi-ninzi zakudala zinokubukwa kwiEngen Tractor Museum eNAMPO Park.



UMichris lichule lesixhobo esibanjwa ngesandla sokwaphulela abalimi amandla abafanele ukuwasebenzisa. Zingaphezu kwama-10 000 izixhobo zokutyalu ezibanjwa ngesandla zakhe zeBacksaver eseziisetenziswa.

WORDS OF
WISDOM



You get to decide where your time goes. You can either spend it moving forward, or you can spend it putting out fires. You decide. And if you don't decide, others will decide for you.

~ TONY MORGAN



THIS PUBLICATION IS
MADE POSSIBLE BY THE
CONTRIBUTION OF
THE MAIZE TRUST

MADE POSSIBLE BY
THE MAIZE TRUST